# ABAQESHWE ABANYUSELWE

## ABAQASHIWEYO KU MATSHI 2014

| | |
|---|---|
| Mr M Dyantyi | Umsebenzi kwezothutho lwenkunkuma |
| Me A B Willemse | Umsebenzi kwezothutho lwenkunkuma |

## ABANYUSELWEYO KU MATSHI 2014

| | |
|---|---|
| Mr D J Lakey | Umphathi Ophzulu: Kulawulo Lwase Kleinmond |

## ABAQASHIWEYO NGO EPRELI 2014

| | |
|---|---|
| Me G G S Lukas | Unobhala omkhulu kwezentlawulo |
| Me E Swart | Unobhala kwi ofisi yomphathi wengingqi eGansbaai |

## ABANYUSELWEYO NGO EPRELI 2014

| | |
|---|---|
| Mnr R W Sebonka | Umqhubi we trekta |
| Mnr J Havenga | Voorman: Riool - Iforimani kwisebe lezamanzi amdaka |

# U-SARS UZA KUTYELELA UMASIPALA WE-OVERSTRAND

**U-SARS uza kutyelela umasipala ngale mihla ilandelayo ilapha ngezantsi. Kwezokuqala ezimbini iintsuku baza kuninceda ukususela ngeye-08:00 de ibe yeye-18:00 ukuze ukususela kolwesibini usuku baqale ngeye-08:00 bayeke ngeye-14:00. Baza kusebenzela eHarmony House kodwa le ndawo ingabe itshintshe ukususela ngoJulayi kodwa oku kuya kuqinisekiswa kwaziswe.**

- **10 nangowe-11 Juni**
- **15 nangowe-and 16 Julayi**
- **19 nangowe-and 20 Agasti**
- **30 Septemba nangow- 1 Okthobha**
- **4 nangowe-and 5 Novemba 2013**

# BHIYOZELA USUKU LWEHLABATHI LOCIMOMILILO NOMASIPALA WEOVERSTRAND



*Abacimi-mlilo emsebenzini*

Ngomhla we-4 Meyi kuya kube kubhiyozelwa uSuku lweHlabathi lwabaCimimililo – usuku lokukhumbula umsebenzi omkhulu owenziwa ngamadoda nabafazi abangamagorha anceda kwiimeko zikaxakeka. Kananjalo kuza kunikwa imbeko kuloo maqhawe anikezele ngobomi bawo kwinkonzo yoluntu.

INtshona-Kapa yenye yezona ndawo kweli lizwe ezinemililo yamadlelo, apho imililo ikukutya kwemihla ngemihla ngexesha lehlobo elide elishushu. Umsebenzi weeNkonzo zeMililo, uHlangulo noLawulo lweNtlekele zikaMasipala weOverstrand ubalulekile kwiinzame zawo zokulondoloza indalo eyahlukahlukeneyo yale ngingqi.

NgoMgqibelo umhla we-3 Meyi 2014 yiba yinxalenye yabacimimililo abavela koomasipala abathatha inxaxheba eNtshona-Kapa. Ukususela ngeye-10:00 kuza kuba kho umngcelele wezithuthi ohamba apha edolophini uyokutsho e-Old Harbour National Museum ne-Whale Tail Amphitheatre.

Lo mngcelele uza kuqala kumabala emidlalo eZwelihle uye eSwartdam Road ungene eMain Road (R43) ukuya eHermanus ujike ekhohlo kwisekile enkulu ekungeneni edolophini. Uza kuhamba ngesitrato iRoyal uye kungena kwisekile iRoberts eStation Mall uqhube uhamba ngeLord Roberts uyokutsho eMarine Circle udlule ungene eMain Road ukuya kwindawo yokupaka izithuthi e-Old Harbour neGearing's Point.

Emva kwalo mngcelele abacimimililo baza kuma ngendlela enika imbeko eCannon War Memorial banike imbeko koogxa babo bangaphambili babhiyozele ubuhlobo boogxa babo kulo msebenzi wabo uhloniphekileyo. Iindwendwe ziza kubukela imiboniso ngemiboniso ezinokuthatha inxaxheba nazo kuyo - izinto ezifana nokwenza indesheni, imiboniso yokuhlangula, izixhobo zokulwa nemililo. Imiboniso yokulwa nemililo iza kulugcina lonwabile lonke usapho imini yonke.

# DIBANA NABAQASHWA ABATSHA



*Mlamli Amos Wapi, kwezothutho lwenkunkuma*



*Mlungisi Dyantyi, kwezothutho lwenkunkuma*



*Angeline Willemse, kwezothutho lwenkunkuma*



*Junade Aplon, Kwezemali*



*Lance Anders, Wamachweba emilambo*

# DIBANA NABAFUNDI BASEJAMANI



*Julia Gugel*



*Elisa Fuhrmann*

UJulia Gugel noElisa Fuhrmann ngabafundi abasebenzayo abavela eJamani. Baqale ukusebenza kwaMasipala ngoJanyuwari kwaye baza kusebenza kumasebe ahlukeneyo de kube ngoMeyi. Oku kuyinxalenye yokufunda kwabo umsebenzi. UJulia noElisa bafunda iPublic Management eKehl University of Public Administration.

Aba bafundi batsha bahlakaniphileyo abazange beze eMzantsi Afrika ngaphambili kwaye ukuba yinxalenye kaMasipala weOverstrand kuthetha lukhulu. Uvuyo lwabo baluvakalise ngale ndlela: Sivuya kakhulu ngokukhetha uMasipala weOverstrand ukuba size kufunda umsebenzi kuye kuba kunomdla kakhulu ukubona indlela asebenza ngayo umasipala okwilizwe lasemzini; sifunda indlela eyahlukileyo ezenziwa ngayo izinto sibe sifunde iindlela ezenziwa ngokufanayo izinto kulawulo loluntu xa sithelekisa nelizwe lethu iJamani.

UJulia ubafumanisa benobubele abantu kuzo zonke iindawo abahamba kuzo kwaye uyabulela kubasebenzi abathathe inkxamleko yokubabonisa iindawo eOverstrand. "Ingathi ndisekhaya kusapho lwam", utshilo.

"Ibe yinto enkulu ukufunda ukuba unikezelo ngeenkonzo ngumsebenzi ophambili kwamasipala kuba inxalenye yemivuzo yabasebenzi iphuma kwimali yabahlawuli-zirhafu abamele ke ukufumana eyona nkonzo ilungileyo. Ndiziva ndichulumancile ngenxa yokuba ndikwazi ukujongana nemingeni yokusebenza nokuhlala kwelinye ilizwe; kundincedile ndatsho ndanenkqubela kwaye ndazithemba. Ngamava angummangaliso ukwazi enye inkcubeko nokubona ukuba wamkelekile kwilizwe lasemzini ", utshilo uElisa.

"Asizisoli ngokukhetha ukuza kufunda ukusebenza eHermanus, kuba le dolophu intle. Xa ujonge elwandle kuba ngathi useparadesi. Kunomdla kananjalo ukuva ngeengxaki ngeengxaki abantu balapha abanazo, izinto ezifana nentswelo, amatyotyombe, iimpuphuma, iimfene okanye ukunqaba kwamanzi. EzaseJamani iingxaki zahlukile kwezi.

Wonke umntu ukhululekile unobubele kwaye xa ndifuna uncedo wonke umntu uzimisele ukundinceda. Ndinikwa imisebenzi eyahlukeneyo ngaloo ndlela nditsho ndimazi umasipala ngokubanzi ndazi nendlela asebenza ngayo.

Asiyonto incinci into yokwamkelwa kwamasipala. Nam ndinombulelo omkhulu kakhulu kwaye ndiyavuya ukufumana ithuba lokudibana nabantu abanobubele kangaka", utshilo.



Overstrand Personeelblad/Staff Newsletter

Phambili!

Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality OVERSTRAND

Vorentoe/Forward

Indaba 2 APRELI / MEYI 2014

## INQAKU LOMHLELI

### KHETHA ULONWABO!!

***Ndamkela ngokushushu bonke abalesi bePhambili.***

*sekuphinde yalelo xesha lenyanga esabelana noogxa bethu ngamabali ethu amnandi. Into enomdla yobomi kukuba sonke sinethuba lokuzikhethela kwaye oko sikukhethayo kuko okusisikhokelo solonwabo lwethu!*

*Xa sisenza ezi ziggibo zokuzikhethela sonke sinethemba lolonwabo olungapheliyo kodwa libathwana nje elikufikelelayo oko. Ukuba ufuna ukuba ngomnye welo bathwana qala uyazi ngokuthe gca into oyifunayo ebomini. Kananjalo kufuneka wazi ukuba ulonwabo asiyonto oyikhangelayo uyifumane. Yinto ekufuneka uyakhile!*

*Abanye abantu benza konke abanokukwenza bedala ulonwabo ngeendlela ngeendlela enye yazo ikukuthatha inxaxheba kwimibhiyozo yoSuku lukaValentine. Ngomhla we-14 Februwari abantu bathatha ixesha labo belichitha kwabo banentsingiselo ebomini babo.*

*Abasebenzi bakamasipala weOverstrand benze konke abanokukwenza ukubonakalisa ukuba uthando lusekho. Amasebe awohlukeneyo kuzo zone iindawo zikamasipala alubhiyozele ngeendlela ezahlukeneyo olu suku. I-Gansbaai neStanford ziqinisekise ukuba olu suku luza kuba lolonwabo olugqibeleleyo ngokumema wonke umsebenzi ukuba kudityanwe kutyiwe kunye ukutya okumnandi nezinye.*

*Abasebenzi becandelo loBonelelo ngabasebenzi nabo balubhiyozele ngokudala ithuba lokuqinisa ubudlelwano bakathi kwabo bakwenzela oku eGansbaai. Balwenza olu suku lwalolufana lodwa kangangokuba abasebenzi ababengaqhelananga bafumana ithuba lokudibana batsho bazane bonwabe. Kubalulekile ukuba wenze izinto ezikwenza uve kamnandi. Zifundise ukubona eli cala lihle lobomi uhlale uhleka. Khumbula ukuba "lowo uhlekayo uphilile"!*

*Ngomhla we-15 nowe-16 Matshi sibhiyozele i-CANSA Relay for Life. Nangona umasipala engakhange awaxhase ngemali amaqela abantu bazibhatalele ngokwabo. Amangeno ibingama-R60 umntu kodwa oku akukhange kubathintele abantu ekuthatheni inxaxheba kolu suku lolonwabo kuxhaswa abo bachaphazelekayo nabanomhlaza. I-CANSA Relay for life yenziwa ubusuku bonke amaqela ebaleka okanye ehamba iiyure ezingama-24 ejikeleza ibala lokubaleka.*

*Kolu papasho sinawo namanqaku anomdla angeempumelelo zoogxa bethu nangeembasa aquka: iPasika eKhuselekileyo yeeNkonzo zoKhuselo, Imbasa yeLayibrari ePhumeleleyo yeeNkonzo zoLuntu nelingeMbasa yeZibonelelo, nelingeNkomfa yeLutsha ebeyimpumelelo ebiququzelelwa ngu-Local Economic Development.*

*Nifunde kamnandi! De ibe lixesha elizayo!!*



**Noluthando Zweni**
***Editor/Umhleli***

# UMASIPALA WE-OVERSTRAND UFUMENE IMBASA 2014




*Emfanekisweni ukusuka ekhohlo ukuya ekunene nguMike King, uMongameli we-SASTT, uJoop van Wamelen we-SASTT (ethiywe ngaye le mbasa), uHanre Blignaut, uMario Filippi we-Lyners Consulting Engineers noRob van Vuuren wakwaWBHO Construction. Ezi nkampani zimbini zichazwe mva bezikwiqela leprojekthi neSebe loBunjineli kwaMasipala weOverstrand.*

UMasipala weOverstrand uphumelele iMbasa yokuGqwesa enikezelwa yiSouth African Society for Trenchless Technology (SASTT). Le mbasa yamkelwe nguHanre Blignaut kwiNtlanganiso yoNyaka kaWonke-wonke yeSASTT ebibanjelwe kwisebe iWater's Zandfontein eJohannesburg ngomhla we-18 Februwari 2014.

UHanre uchulumance kakhulu ngokwamkela le mbasa yeProjekthi yokuLungisa imiBhobho kaMasipala weOverstrand njengoko ikokokuqala ukuba inikwe umasipala endaweni yomnye boomasipala abazi-metropolitheni. Kubantu abakule projekthi isaqhubayo oku kuthetha ukuba umsebenzi wabo uyaqatshelwa kwaye abenzanga nje ukuba umasipala abe nebhongo koko benze lonke uluntu lukaMasipala weOverstrand ukuba luzingce ngabo.

# ILAYIBRARI YASE-HAWSTON IFUMENE IMBASA

Kwintlanganiso yeBhunga ebingoLwesibini umhla wama-25 Februwari 2014, uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie unikezele ngembasa kuMphathi weLayibrari uBelinda May noMncedisi kwiProjekthi uFrancina Philander beLayibrari yaseHawston. Le mbasa yeLona Thala leencwadi laBantwana ikhutshwa liSebe lezeNkcubeko neZemidlalo likaRhulumente weNtshona-Kapa.




*noBelinda May, uAnver Wyngaard*

Abasebenzi beLayibrari yaseHawston baqalise inkqubo yokukhuthaza abantwana ukuba baqale ukufunda iincwadi beselula. Uluntu - uninzi lwabo ingabazali babantwana abebethatha inxaxheba kule nkqubo - ngabo abatyumbe le layibrari kwisebe lephondo.

Le nkqubo ijoliswe kubantwana ababazali babo abangaphangeliyo okanye abangakwaziyo ukubasa kwisikolo sabasaqalayo abantwana babo. Ilayibrari ibone ithuba lokunceda ngokubanika uncedo lokuza elayibrari amathuba amathathu ngeveki (ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu) ukuqala ngeye-10:00 de ibe yeye-12:00 ukwenzela ukuba abantwana ababudala buyiminyaka emi- 3 ukuya kwemi-5 bafundelwe iincwadi bayibone nendawo eneencwadi.

Ngokutsho kukaBelinda May, ongumququzeleli wale projekthi injongo yabo kukuyandisa le nkqubo bafakele izinto ezifana nokwakhiwa kwee-phazili, ukuzoba, ukufakela imibala nokwenza iiphatheni ukwenzela ukukhuthaza iingqondo zabantwana. Injongo yabo ephambili kukukhuthaza ukufunda kwabantwana besebancinci.

UBelinda uchulumancile kuba le projekthi iza kuba negalelo kuphuhliso lwabantwana boluntu lwaseHawston kwaye unqwenela ukuyibona le projekthi iqaliswa nakwezinye iilayibrari zale ngingqi.

# INKOMFA YOLUTSHA YE-LED IBE YIMPUMELELO



Usodolophu uNicolette Botha-Guthrie ehleli kumdilili kunye noSolomzi Madikane, UXolile Khosi kunye Nonomonde Ndende

ISebe loPhuhliso loQoqosho lweNdawo yethu (LED) libe nendibano ebenempumelelo eHawston ngoLwesithathu umhla we-19 Matshi 2014 latsala malunga nama-500 olutsha kuyo yonke iOverstrand.

Phakathi kwabo bebeze kule nkomfa ibinguSodolophu weOverstrand, uCeba uNicolette Botha-Guthrie, unkszn Nomonde Ndende ka-WESGRO, iNtloko yeSebe loPhuhliso loQoqosho lweNdawo yethu, umnu. Solomzi Madikane, uMphathi we-LED, umnu. Khosi, ne-DJ ephaphileyo esuka kwi-Good Hope FM, umnu. Carl Wastie. Nabanye abaninzi abachaphazelekayo abafana no-DTI, iSebe leZokuloba iiNtlanzi ne-Arhente kaZwelonke yokuPhuhlisa uLutsha (NYDA) nabo bebekho.

UCarl, umphathitheko wosuku uvule ngoburharha esenzela ukuba ulutsha luthobe izibilini emva koko umnu. Madikane wamkela uSodolophu, izithethi nabo bonke abakhoyo. Kumazwi akhe okuvula umnu. Madikane ubulele kumasebe nakulutsha abakwazileyo ukulwenza olo suku lube yimpumelelo.



UJolanda Hendricks, Solomzi Madikane, Carl Wastie, Nomonde Ndende no Xolile Kosi

Kugxininiswe kulutsha ukuba ibe lulo olusuka kuqala luzenzele izinto ngokwalo lungaxhomekeki kuRhulumente ukuba ibe nguye ovelisa amathuba. Uthe i-NYDA, isebenzisana no-LED, ngomnye wabaxhasi bale nkomfa ukuqinisekisa ukuba ulutsha lwaseOverstrand luyawumana amathuba alufaneleyo kwaye lunikwa ingcaciso ukulunceda luthathe izigqibo kwaye lukwazi ukungenela ugqatso kumalinge ezoshishino.

Umnu. Madikane uthe ulutsha kufuneka lube nobuchule lusebenzise ingqondo ephangaleleyo ludale izimvo ezintsha ezinokuguqulwa zibe zizindululo zenkxaso yokuqinisekisa ngemisebenzi engapheliyo. Uphethe ngokuthi, , "Uluntu olunolwazi lunamathuba ongezelelekileyo okuzinceda luphume ebuhlwentshini."

USodolophu uNicolette Botha-Guthrie intetho yakhe yokukhuthaza uyivule ngokwamkela abulele wonke umntu ngokuza kule nkomfa. Ukhankanye into yokuba amanani obalo-luntu lowama-2011 abonise ukuba ama-35% oluntu eOverstrand lulutsha olubudala buphakathi kweminyaka eli-15 nama-35. Uthethe nangamanyathelo karhulumente nalawo angengokarhulumente elitsha kuwo ilelowama-2013 elibizwa ngokuba yi-Western Cape Youth Development Strategy.

Amanyathelo kaMasipala eLED aquka uqeqesho, ukuxhasa ukushishina, amathuba omsebenzi we-EPWP nawokufunda usebenza afikelelwa ngabantu abatsha kuqala. USodolophu uthe la manyathelo eSebe le-LED ajoliswe kulutsha ukukhokela uphuhliso lwalo ngendlela eyakhayo.

I-LED inomdla wokuphemba umlilo wokuba ulutsha lube ngoosomashishini. Amathuba ezoqoqosho akho kwi-SMME development enokuxhaswa lulutsha kwaye uSodolophu ukhuthaze ulutsha ukuba lusebenzise amathuba okudibananabanye abantu aveliswe yinkomfa.

Ukuphetha ucaphule kumazwi kaGeorge Bernard Shaw athi "Ubomi bungendlela ozifumana ngayo wena isiqu sakho. Ubomi yindlela ozidala ngayo". "La ngamazwi obulumko okunikhuthaza nonke ukuba nikhangele amathuba alungileyo niwandise amathuba okukhetha amakhondo omsebenzi, " uvale ngaloo mazwi uSodolophu.

## IIYURE ZEKLINIKHI KOWAMA-2014

**Kubaluleke kakhulu ukuya eklinikhi xa ungaphilanga Ukukunceda ngamaxesha neentsuku sinoluhlu esikwenzele lona lweeyure zowama-2014 angala alandelayo:**

| | |
|---|---|
| **Mvulo:** | **7:45 - 13:00 & 13:30 - 15:30** |
| **Lwesibini:** | **7:45 - 13:00 & 13:30 - 16:30** |
| **Lwesithathu:** | **7:45 - 13:00 & 13:30 - 16:30** |
| **Lwesine:** | **7:45 - 13:00 & 13:30 - 15:30** |
| **Lwesihlanu:** | **13:30 - 16:30** |

**Uyacetyiswa ukuba ubokwenza idinga phambi kokuba uye eklinikhi.**



## UMLILO EZWELIHLE USUBE IMIPHEFUMLO YEEMVEKU EZIMBINI

Abacimi-mililo bakamasipala weOverstrand liqela lamadoda nabafazi abazinikeleyo emsebenzini wabo abasoloko ngalo lonke ixesha bejonge ukusindisa ubomi boluntu lwethu kodwa bajongene nomngeni wesehlo esingaxelwa kwangoko nto leyo eyenza ukuba bangafiki ngexesha.

Kwenzeke loo nto ngeCawe umhla we-2 Matshi 2014 – imini ebintle ilanga livelile ephele ngentlekele yomlilo ovele eZwelihle malunga neye-10:00, ushiya iintsapho ezininzi zingenamakhaya wasuba imiphefumlo yeemveku ezimbini. Kuvakala ukuba lo mlilo ubangelwe ngumama obepheka ukutya kwesidlo sasemini ngeCawe. Iqela lethu labacimi-mililo lizame lancama ukuhlangula ubomi bezo mveku.

Kwelinye ityotyombe abantwana abathathu ababudala buyiminyaka emi-5, 3 nemi- 2 bebebukele umabonakude. Lo uminyaka mihlanu ubaleke waphuma esakubona amadangatya wahlaba umkhosi kodwa bathe befika abantu babe aba babini sele bonganyelwe ngumlilo. Umama wenye yezi mveku uNondumiso Ntlapho uzame ukungena ngaphakathi etyotyombeni kodwa ngelishwa bekusele konakele engasenakubahlangula.

USodolophu namanye amagosa kamasipala batyelele iintsapho eziswelekelweyo baya kuvakalisa uvelwano lwabo kuzo baz badlulisa nokutya neempahla zokunxiba.

USodolophu uthe, "Sisondela ebusika ngako oko iza kuba mininzi imililo. Kufuneka abantu bayilumkele imililo ingakumbi izitovu zeparafini emizini yabo."





# IMINCILI & USIZI

## Sibhiyozele Usuku Luk-Valentine!

USuku lukaValentine lubhiyozelwa minyaka le ngomhla we-14 Februwari kwihlabathi lonke. Ngumnyhadala wothando kwaye abantu abaninzi bathumelela abalingane babo amakhadi, iileta, iintyatyambo okanye izipho. Ngamnaye amaxesha benza isidlo esisodwa okanye baphume ngobo busuku. Iisimboli eziqhelekileyo zoSuku lukaValentine ziintliziyo, iirozi ezibomvu okanye ezinye iintyatyambo nezipho ezithunyelwa ngothando.

Umntu ofuna ukuthandana nomnye angalisebenzisa eli thuba lokuvakalisa oko. USuku lukaValentine lusuku lomntu wonke othanda omnye nothandwayo kwaye abantu bavakalisa uvakalelo lwabo nabahlobo babo, neentsapho zabo okanye nezithandwa zabo. Abantu abaninzi bacinga ukuba ukuthandwa kuthetha ukuba ube kubudlelwano bothando kanti oku kuthetha ukuba uhlale yonke imihla unobungangamsha. Yonke into oyenzayo noyithethayo ibonisa ihlabathi lonke ukuba ungubani kanye kanye. "Ulonwabo onalo lulingana nothando olunika abanye abantu". Buka iifoto ezithathwe ngabanye boogxa bethu abalubhiyozele ngokufanelekileyo olu suku. Mhlawumbi ziya kukukhuthaza wenzele umntu omthandayo into efana yodwa kwixa elizayo.



Ulawulo lwase Gansbaai



Ulawulo lwase Gansbaai



Iqela laseHermanus kundlunkulu

## Ukhuphiswano Lokubaleka Luka-Cansa 2014

I-CANSA Relay for Life lukhuphiswano lokubaleka olwenziwa minyaka le ukuvuyisana nabasindileyo (wonke umntu owakhe wafunyaniswa enomhlaza) nokukhuthaza uluntu ukuba luthathe inxaxheba kumbono we-Cancer Association of South Africa (CANSA) ukwenzela ukulicutha ngendlela ebonakalayo ifuthe lesi sifo. Oku kwenziwa ngokukhuthaza impilo kubo bonke abantu boMzantsi Afrika ngokwazisa nangokukhuthaza uphando-lwazi, ukuthintela, nangokufunyaniswa kwangoko nonyango. Olu khuphiswano lumele iTHEMBA kwabo bajongene nomhlaza lokuba baza kuxhaswa kwaye baza kunyangeka ekugqibeleni.

Abasebenzi bakamasipala weOverstrand nabo bathathe inxaxheba ukuxhasa abo basindileyo kwesi sigulo nokunika imbeko kwabo bashiyeyo ngenxa yaso. Kube ludano olukhulu ukufumanisa iligcuntswana labasebenzi abathathe inxaxheba kulo nyaka. Ngaphambili umasipala wayebhalisa inani elibonakalayo lamaqela kodwa ngelishwa iMFMA ayisavumeli ukuba kukhutshwe imali-nkxaso ngako oko abasebenzi kufuneke bewabhatalele ngokwabo amaqela abo nto leyo ephelelise abantu ngomdla. Wonke umntu kufuneka azi ukuba olu khuphiswano lolwesizathu esihle kakhulu ngako oko kufuneka sonke silixhase inyathelo elinje. Ngethemba lokuba abantu baza kuphuma ngendlu yabo kulo nyaka uzayo.

Onke amaqela athatha inxaxheba athi kubalulekile ukuxhasa amanyathelo alolu hlobo njengoko echaphazela ubomi boninzi lwethu. Bukani ezinye zeefoto zamaqela awayethatha inxaxheba.



I-CANSA Relay



I-CANSA Relay



I-CANSA Relay

### Sivuyisana:

No Juan Havenga kune nenkosikazi yakhe u Leisha Havenga abayebafumana umntwana oyinkwenkwe ngomhla we 28.01.14

### Siyavelana:

Utata ka Lisl Carolissen uyewasweleka ngolwesibini umhla we 14 ka Janyuwari 2014. Nincede nimkhumbule ekunye nefemeli yakhe kwelixhesha linzima zenimbeke nasemithandazweni. ULisl usebenza kuBongameli beZokhuseleko: Kwezamagosa endlela.

Unyamezelo Matsha omnye wabasebenzi osebenza kwicandelo lwenkonzo eziqhubekayo uye washiywa yinkosikazi yakhe kwiveki yomhla we 7 kuFebhuwari. Sicela wonke ubani ambeke emithandazweni kwixesha libuhlungu.

## ULoretta Page utshatile



noLoretta Page, uDale Gillion

Siyavuyisana noLoretta Page otshate Dale Gillion ngomhla wo-1 Matshi 2014!

"Wonke umntu uyachulumanca xa etshata," utshilo uLoretta, "ingakumbi xa efumene umntu amthanda ngokwenene. Ubomi luhambo olusifundisa izinto ezininzi. Isifundo endisifundileyo sesokuba uthando lungaphezulu kwinto yonke." Ukudibana kukaLoretta nomyeni wakhe ngoSeptemba 2011 ngoko nangoko kwabakho into emxelelayo ukuba ngumyeni wakhe lo uDale naye weva into enjalo.

Inkonzo yomtshato ibise-St Peters Church eHermanus waza umsitho wokubamkela wakwiholo leziyunguma. Unkosikazi Gillion omtsha uthi akakwazi ukuluchaza uchulumanco analo kwaye ujonge phambili kubomi obunolonwabo, umtshato ongapheliyo kwaye unethemba lokuba nabantwana ngokukhawuleza.